

Edition 103
IsiXhosa, English

It starts with a story...

Connect with stories

Soon it will be time for the end-of-year holidays that offer us a break from our busy lives and give us more time to relax and spend with family and friends. More time also means more opportunities to share the stories of our lives and the stories in books with the people who are important to us.

When we get together with others, we tell them about what we have been doing and what has happened in our lives since we last saw them. Their stories allow us to learn about their lives too. So, we share the stories of our lives as a way of connecting with people around us. And, of course, every time when we spend time doing things and talking together, we create new life-story material that we can recall together or share with others later. It doesn't matter how old or young we are, we all use stories to explore our lives – past and present – and our possible futures. Telling stories provides a safe space to experience and make sense of the ups and downs of our lives.

Thungelani ngamabali

Kungekudala iza kuba lixesha leeholide zokuphela konyaka, ezithi zisinike ixesha lokuphumla kubomi bethu bemihla ngemihla obuzele ziingxaki kwaye kwangeli thuba sifumana ixesha elithe xhaxhe lokuhlala neentsapho nabahlobo bethu. Kananjalo ixesha elongezelekileyo esiya kulizuza likwasinika amathuba amaninzi okwabelana ngamabali akubomi bethu kwakunye namabali asezincwadini kunye nabantu ababalulekileyo kuthi.

Xa sihlngana nabanye abantu, sibabalisele ngezinto ebesizenza nokwenzekileyo ebomini bethu ukususela kwixesha esigqibeleni ukubonana nabo ngalo. Amabali abasibalisele ona asenza sifunde ngobabo ubomi nabo. Ngoko ke, ukwabelana ngamabali obomi bethu yindlela yokuthungelana nabantu abasingqongileyo. Kwaye, kwangandelanye, lonke ixesha esilichitha sisenza izinto kwaye sithetha sikunye, sakha izisele ezitsha zamabali obomi nesiyakuthi sizikhumbuze ngawo xa siphinde sadibana okanye sabelane ngawo nabanye abantu kwithuba elizayo. Akukhathaliseki nokuba sidadala okanye sibancinane kangakanani na, sonke sisebenzisa amabali ukuphicotha ubomi bethu – esibuphila ngoko nesele sidlule kubo – mhlawumbi nesiseza kubuphila. Ukubalisa amabali kusinika indawo ekhuselekileyo yokuphonononga amava ethu kunye nokuqondisisa amahlandinyuka kubomi bethu.

Kodwa akho namanye amabali akwasenza sithungelane! Amabali asithwala asise ebomini babantu esingabaziyo, abavela kwixesha lamandulo okanye abavela kwiindawo ezikude kakhulu. Amabali asithwala asise kumazwe-ntlekelelo, apho ubomi bokwenene bufiphala buphelele tu, ze ibe bubomi bemimangaliso nobungaqhelekanga obugqamayo. La mabali angangabalisiwayo, kodwa siyakwazi nokuwafunda nasezincwadini. Xa sifundela abantwana bethu ibali, sihamba kunye nabo kwelo bali kwaye sithungelana nabo nabanye abantu ngamava ethu kwibali elo.

But there are other stories that connect us too! Stories that transport us into the lives of people we've never known, who come from long ago or places far away. Stories that carry us away to imaginary worlds where real life fades and fantasy takes over. These stories can be told, but we also read them in books. When we read a story to our children, we travel into the story with them and we connect with each other through experiencing the story together.

Stories help your children develop their imagination and creativity. They help them to develop their language and thinking, especially when they hear or read stories in their home languages. And, stories provide your children with examples of how people meet the challenges they face in life.

The holidays give us more time to share stories together. So, this year take the opportunity to make stories the centre of how you relax, spend time and connect with your children. Nothing could be more enjoyable, satisfying and powerful for all of you!



Amabali apuhlisa intelekelelo kunye nezakhono zobugcisa zabantwana bakho. Kananjalo abanceda baphuhlise ulwimi kunye nokucinga kwabo, ngakumbi xa befunda okanye bemamele amabali afundwa ngolwimi lwabo lweenkobe. Kananjalo, amabali anika abantwana bakho imizekelo yeendlela abantu abamelana ngazo nemingeni abajongana nayo ebomini.

Iiholide zisinika ixesha elithe xhaxhe lokwabelana ngamabali. Ngoko ke, kulo nyaka thatha eli thuba lokwenza amabali abe yintsika yendlela eniziphumza ngayo, chitha eli xesha uthungelana nabantwana bakho. Kuni nonke, ayikho into onokuyonwabela, neyakukwanelisa nenamandla ukudlula leyo!

INSIDE: Fun holiday activity ideas, PLUS a special holiday story featuring the Nal'ibali characters!

NGAPHAKATHI: Ingcabiso ngemiseteyenzana nemidlalwana yokonwaba ngexesha leeholide, KUNYE nebali elikhethekileyo leeholide elinabalinganiswa abaphambili bakwaNal'ibali!

We will be taking a break until the week of 31 January 2016. Join us then for more Nal'ibali reading magic!

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla wama-31 kweyoMqungu kowama-2016. Sijoyine ngelo xesha ukuze ufumane ubugqi nemilingo emininzi yokufunda yakwaNal'ibali!




Drive your imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla ebali.



Nal'ibali holiday fun

Here are 20 fun ideas that incorporate storytelling, reading and writing to keep your children busy and entertained during the school holidays. The idea is to enjoy yourselves, so use the language/s you and your children feel most comfortable with.



Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali ngexesha leeholide

Nazi iingcebiso zokuzonwabisa ezingama-20 nezibandakanya ubaliso-mabali, ukufunda kunye nokubhala, neziza kugcina abantwana bexakekile kwaye bonwabile ngexesha leeholide zesikolo. Eyona nto iphambili kukuba nonwabe, ngoko ke, wena nabantwana bakho, sebenzisani ulwimi eniyakuziva nisekhaya kulo.

1 Get organised. Let your children help you write lists, or write their own lists! For example, write a list of things that need to get done on a particular day, or write a shopping list.

1 Zilungiseleleni. Vumela abantwana bakho ukuba bakuncedise ekubhaleni izintlu, okanye babhale ezabo izintlu! Umzekelo, ungabhala uluhlu lwezinto ekufuneka zenziwe ngosuku oluthile, okanye uluhlu lwezinto ezifuna ukuthengwa.

2 Keep a holiday diary. Use an exercise book or staple sheets of paper together to create a journal in which your children can draw and write about their holiday activities, thoughts, ideas and feelings. Encourage them to create a written record of their lives in this way each day, either with you or on their own.

2 Gcinani idayari yeeholide. Sebenzisa incwadi ephephepece okanye amaphepha aqhotyoshwe ngesiteyipla ukwenza ijinali, apho abantwana bakho bangazoba okanye babhale khona ngezinto abazenzileyo ngexesha leeholide, iingcinga zabo, iingcebiso zabo kunye neemvakalelo zabo. Bakhuthaze ukuba babhale phantsi izehlo zobomi babo zemihla ngemihla ngolo hlobo, bekunye nawe okanye bebodwa.

3 Build a story. Stand in a circle with one person holding a ball. (You can also use a beanbag or small cushion – or anything else you can throw gently.) The person holding the ball starts the game by saying the first three words of a story (for example, "Once upon a ...") and then throws the ball to someone else who says the next three words of the story (for example, "... time there was ..."). Continue throwing the ball until your story is finished!



3 Yakhani ibali. Yimani kwisangqa, ze kubekho umntu omnye ophethe ibhola. (Kananjalo ningasebenzisa ingxowana yeembotyi okanye umqamelwana omncinane – okanye nantoni na eninokujulelana ngayo ningonzakalisani.) Lo mntu uphethe ibhola uqala umdlalo ngokuthetha amagama amathathu okuqala ebali (umzekelo, angathi, "Kwathi ke kaloku ...") aze ajulele omnye umntu ibhola apho esangqeni aze naye loo mntu atsho awakhe amazwi amathathu alandelayo ebali (umzekelo, "... ngantsomi, kwakukho umntwana ..."). Qhubekani kanjalo ke, nijulelana ngebhola de niliqgibe ibali lenu!

4 Write a menu. Ask your children to think about the meals and snacks that their favourite story characters would enjoy, then help them write these things as a menu. Together make one or two meals or snacks from the menu and enjoy eating them afterwards!

4 Bhalani imenyu. Cela abantwana bakho bacinge ngezidlo kunye nemishwamzo engonwatyelwayo ngabalinganiswa ababathandayo emabalini, uze ubancede babhale ezo zinto kwimenyu. Emva koko phekani isidlo okanye umshwamzo omnye okanye emibini esuka kwimenyu leyo, nize nonwabele oko kutya emva koko!

5 Make your own signs. Find some stiff cardboard (like an old cereal box) and collect lots of small items from inside and outside your home. Anything clean (and not sharp!) will do, like the pages of magazines or newspapers torn up into small pieces, bottle tops, sweet wrappers, chip packets, drinking straws, string, wool, toothpicks, buttons, twigs, pebbles and shells. With your children, create your own home-made signs by using your collected items to spell out the words, for example, "Mom's room" and "Brenda's bed". Display your signs at home – or give them away as presents.



5 Zenzeleni eyenu imiqondiso neempawu. Fumanani ikhadibhodi eliqinileyo (elifana nebhokisi endala yesiriyeli) ze ke niqokelele izinto ezininzi ezincinane ngaphakathi nangaphandle kwekhaya lakho. Nantoni na ecocekileyo (engebukhalanga!) ilungile, njengamaphepha eemagazini okanye amaphephandaba akrazulwe azizicwilana ezincinane, iziciko zeebhottle, amaphepha eelekeke, iipakethi zeetships, imicingana eziimfunxa zokusela, umtya, iwulu, imicinga yokuvungula, amaqhoshha, izinti, amatyana amancinane aselwandle kunye noonokrwece. Ukunye nabantwana bakho, yenzani iimpawu zenu ezenziwe ekhaya ngokusebenzisa izinto eniziqokeleleyo ukuze nibhale amagama ngazo, umzekelo, "Igumbi likaMama", "Ibhedi kaBrenda", njalo-njalo. Xhonomani iimpawu zenu ekhaya – okanye ninikise ngazo njengezipho.

6 Create story worlds. Read a story together, then use playdough or Plasticine and coloured paper to recreate scenes or characters from the story on paper plates. Take turns telling each other about the story worlds you have created.

6 Dalani amazwe amabali. Fundani ibali nikunye, nize nisebenzise intlama yokudlala okanye iPlasticine kunye nephepha elinemibala ukuze nibambe imiboniso okanye abalinganiswa abasebalini kwiipleyiti zephepha. Nikanani amathuba nibaliselana ngamazwe amabali eniwenzileyo.

7 Write a Christmas letter. If your children believe in Father Christmas, encourage them to write a letter to him explaining what they would like for Christmas and what other people in your family would like too. You may want to remind your children that Father Christmas has to bring presents for lots of people so he really appreciates it when we give him ideas for some small, cheaper presents!

7 Bhalani ileta yeKrisimesi. Ukuba abantwana bakho bayakholelwa kuFather Christmas, bakhuthaze ukuba bambhalele ileta emcacisela ngabangathanda ukufumana ngosuku lweKrisimesi kunye nezinto ezingonwatyelwa ngabanye abantu kwiintsapho zabo. Ungathanda ukubakhumbuzisa ukuba uFather Christmas kufuneka ephathele abantu abaninzi kakhulu izipho, ngoko ke mhlawumbi anganqwenela ukuba abantu bamcebise ngezinto ezincinane nezingxabisi kakhulu anokuzithenga!

8 Make puppets. Let your children use the cardboard rolls inside toilet paper together with coloured paper, glue and paint to create puppets. Then suggest that they put on a puppet show!

8 Yenza iipapethi. Vumela abantwana bakho basebenzise iirolo zekhadibhodi yephepha langasese kunye nephepha elinemibala, iglu kunye nepeyinti ukwenza iipapethi. Emva koko bacebise ukuba benze umboniso weepapethi!



9 Try something new. Set aside one week during the holidays where you all read something you would not usually choose to read. Maybe this means reading a book of poems, or the biography of an interesting person, or an information book on a topic you know nothing about. Or, maybe it means that you try out a new author. This is your chance to get hooked on something new!

9 Zamani into entsha. Bekelani bucala iveki enye ngexesha leeholide apho umntu ngamnye kuni akhetha ukufunda into ebengenakuyifunda. Mhlawumbi oku kungathetha ukufunda incwadi yemibongo, okanye ibhayografi yomntu onomdla kuye, okanye incwadi enika ulwazi ngomxholo othile eningazi nto ngawo. Okanye, mhlawumbi oku kungathetha ukuzama ukufunda into yombhali omtsha. Eli lithuba lenu lokubiwa umxhelo yinto entsha kraca!

10 Go on a treasure hunt. One person decides what the treasure will be. (It could be a few pretty shells or sweets or a story!) He/she writes up the clues that tell everyone what they have to do next to discover where the treasure is hidden. Then the person hides the clues in different places and everyone else uses each clue to get one step closer to finding the treasure! When they find the treasure they share it.

10 Zingelani ubutyebi. Mayibe ngumntu omnye oza kugqiba ngokuba ubutyebi obo buza ukuba yintoni na. (Mhlawumbi ingangoonokrwece abahle abambalwa okanye iilekese okanye ibali!) Lo mntu nguye oya kubhala phantsi izikhokelo noonobonisela abaxelela wonke umntu ukuba makenze ntoni elandelayo ukuze afumane indawo obufihlwe kuyo ubutyebi obo. Emva koko lo mntu mnye ufihla izikhokelo noonobonisela abo kwiindawo ezohlukileyo, ze wonke umntu asebenzise unobonisela ngamnye awufumanayo ukusondela kwindawo ubutyebi obufihlwe kuyo! Xa bebufumene ubutyebi babelana ngabo.

11 Create a Story Power book box to keep your Nal'ibali supplement cut-out-and-keep books in. Give your children some old magazines and newspapers, and let them cut out pictures and words that they like. They can also use pictures of their favourite Nal'ibali characters. (Visit the "Resources" section at www.nalibali.org to download pictures of the Nal'ibali characters.) They could even draw their own pictures! Let your children turn a shoebox into their own Story Power book box by pasting their cut out words and pictures on the outside and inside of the box.



11 Zenzeleni ibhokisi yeencwadi yeStory Power ukuze nigcine kuyo iincwadi onokuzisika-ze-uzigcine zohlelo lweNal'ibali. Nika abantwana bakho iimagazini ezindala kunye namaphephandaba ukuze ubavumele basike imifanekiso kunye namagama abawathandayo kuwo. Kananjalo bangasebenzisa nemifanekiso yabalinganiswa ababathandayo bakwaNal'ibali. (Ndwendwela icandelo lee-"Resources" ku-www.nalibali.org ukuze ukope imifanekiso yabalinganiswa bakwaNal'ibali.) Kananjalo abantwana bakho bangazoba neyabo imifanekiso yaba balinganiswa! Vumela abantwana bakho baguqule ibhokisi yezihlangu ibe yibhokisi yeencwadi yeStory Power yabo ngokuncamathelisa amagama abawasikileyo kunye nemifanekiso ngaphandle nangaphakathi kwebhokisi.

12 Remember a book with a bookmark. Give your children pieces of cardboard cut into the shape of a bookmark. On one side of the bookmark, they can draw a picture of a scene from a book they have read and enjoyed. On the other side, ask them to write the name of the book, its author, its illustrator (if it has one) and a few sentences from the book.

12 Khumbulani incwadi enephepha-phawu elibonisa apho uphele khona ekufundeni. Nika abantwana bakho izicwilana zekhadibhodi esikwe yamila njengeziqhwengana zephepha-phawu lokubonisa apho uphele khona ekufundeni. Kwelinye icala lephepha-phawu bangazoba umboniso ovela encwadini abayifundileyo baze bayonwabela. Kwelinye icala bacele babhale isihloko sencwadi, umbhali wayo, umzobi wayo (ukuba ukhona) kwakunye nezivakalisi ezimbalwa ezivela encwadini apho.

13 Use someone else's words in your own way. Cut out headings in magazines and newspapers. Then cut the headings up into single words. Lay the words out in front of you where everyone can see them. Choose words to create poems or sentences of your own.

13 Sebenzisa amazwi omnye umntu ngeyakho indlela. Sika izihloko kwimagazini kunye nakumaphephandaba. Emva koko ke sika izihloko ezo zibe ngamagama ohlukileyo nahamba ngamanye. Wabeke phantsi onke amagama lawo phambi kwakho nalapho wonke umntu aza kuwabona. Khethani amagama ukuze nenze imibongo yenu okanye ezenu izivakalisi.

14 Have a book race. Here's a fun game to play with a group of children at your library or reading club. On six pieces of paper write the names of six different books at your library or club. Also write a page number from the book and the beginning of a sentence on that page. Divide the children into teams and give them a copy of the first piece of paper with the book clue on it. The teams race to find and complete the sentence from the book named in the clue, so that they can get their next clue. The team that completes all the sentences correctly in the shortest time, is the winner!



14 Bambani ugqatso lweencwadi. Nanku umdlalo owonwabisa eninokuwudlala neqela labantwana kwiithala leencwadi lenu okanye kwiklabhu yenu yokufunda. Kwizicwilana ezithandathu zamaphetshana bhalani amagama amathandathu eencwadi ezohlukileyo ezikwiithala leencwadi lenu okanye kwiklabhu yenu yokufunda. Kananjalo, bhalani inombolo yephepha lencwadi leyo kunye nesiqalo sesivakalisi esikwiphepha elo. Emva koko yahlula abantwana ngokwamaqela, ze ubanike ikopi yephepha lokuqala elinobonisela osencwadini obhalwe kulo. Amaqela ayakhuphisana, ebekisa ukuze afumane ze agqibezele eso sivakalisi siphuma encwadini nesibhalwe kwelo cwecwana, ze ke emva koko bakwazi ukufuna isicwilana esilandelayo. Iqela elikwazileyo ukuzigqibezela zonke izivakalisi ngokuchanekileyo nangelona xesha lifutshane, lilo eliphumeleleyo!

15 Cook together. Find a recipe with your children for something interesting that they haven't eaten before. Read the recipe, gather the ingredients and then make the food together – then enjoy eating it!

15 Phekani kunye. Ukunye nabantwana bakho, funani iresipi yento engaqhelekanga neningazange nayitya ngaphambili. Fundani loo resipi, ze niqokelele zonke ezo zithako nize ke nipheke ukutya nonke – emva koko yonwabelani ukutya oko kutya!



16 Tell stories with socks. Find old socks and then, with your children, glue on wool, fabric pieces, paper and feathers to create your own sock puppets. Try making puppets of the characters from a story you all enjoy and then telling the story in your own way using the puppets. Or, create puppets that each of you can use to tell your own new stories. (If each of you makes a puppet, you can have family fun making up a story that includes all of them!)

16 Balisani amabali ngeekawusi. Funa iikawusi ezindala uze, nabantwana bakho, nincamathelise ngegulu iwulu, amatatshana, amaphepha neentsiba kwezo kawusi, nizenzela ezenu iipapethi zeekawusi. Zamani ukwenza iipapethi zabalinganiswa abavela ebalini enilonwabele nonke, nize nisebenzisa ezo papethi, nibalise ibali elo ngeyenu indlela. Okanye, ningenza iipapethi ezinokusetyenziswa ngumntu ngamnye apho kuni, nibalisa awenu amabali amatsha. (Ukuba umntu ngamnye kuni wenze iipapethi yakhe, ningonwaba nonke nilusapho ngokuqamba ibali eliza kuquka zonke iipapethi ezo!)

17 Make a gift. Write a story and draw pictures to go with it. Carefully fold up the story and put it in an envelope. Decorate the front of the envelope and write the story title on it. On the back of the envelope, write who you are giving the story to, a message and your name. For example: To Mommy. Here is a special story for you. With love from Amina.

17 Yenzani isipho. Bhalani ibali ze nizobe imifanekiso ehambelana nalo. Ngononophelo, songani ibali elo ze nilifake emvulophini. Hombisani umphambili wemvulophu ze nibhale isihloko sebali kuyo. Ngasemva kwimvulophu leyo, bhalani umntu elinikwa yena ibali, umyalezo kunye negama lakho. Umzekelo: Liya kuMama. Nali ibali elikhethekileyo lakho. Livela ku-Amina ngothando.

18 Share stories. Let everyone have a turn to share a story that they really like. Place a chair in a place where everyone can see it easily and gather around the chair. Ask the storytellers to sit on the chair when they read or tell their favourite stories.

18 Yabelanani ngamabali. Vumela wonke umntu ukuba afumane ithuba lokwabelana nabanye abantu ngebali alithanda kakhulu. Beka isitulo apho wonke ubani aza kusibona lula khona nize nihlale ningqonge isitulo eso. Cela ababalisi-mabali bahlale esitulweni xa befunda okanye bebalisa awona mabali bawathandayo.

19 Play a word game. Write the letters of a word on different sheets of paper (A5 or A4 size). Give the sheets of paper to your children and ask them to build a word using all of the letters. Repeat this with other words. (Tip: First play the game with words that have three or four letters in them to encourage your children. As they get better at it, you could increase the number of letters in the words to provide more of a challenge.)

19 Dlalani umdlalo wamagama. Bhala oonobumba abaxubeneyo begama elithile kumaxwebhu ephepha ohlukileyo (angu-A5 okanye u-A4 ubukhulu). Nika abantwana bakho loo maxwebhu, uze ubacele ukuba bakhe igama elo besebenzisa abo nobumba bonke. Wuphinde lo mdlalo ngamanye amagama. (Ingcebiso: Qalani niwudlale lo mdlalo ngamagama anoonobumba abathathu okanye abane kuwo ukukhuthaza abantwana bakho. Njengokuba besiba ngcono kulo mdlalo, ungalandisa inani loonobumba kumagama ukwenza umngeni ube nzinyana.)

20 Make greeting cards. Let your children use cardboard, paper, crayons, kokis, glitter and glue to make Christmas, New Year and/or Hanukkah cards to give to family and friends.

20 Yenzani amakhadi emibuliso. Vumela abantwana bakho ukuba basebenzise ikhadibhodi, iphepha, iikhrayoni, iikhoki, ubukhazikhazi kunye negulu ukwenza amakhadi eKrisimesi, oNyaka oMisha kunye/okanye naweHanukkah ukuze niwanike iintsapho kunye nabahlobo.





Get story active!

Here are some ideas for using the stories in this supplement. Choose the ones that best suit your children's ages and interests.

Lion meets his match

Children from three years old are likely to enjoy this traditional story about how a small jackal is able to outwit a strong lion, not just once, but a few times! It is a good story for reading aloud and telling.

- ★ After you have read the story, discuss these questions together.
 - 🌸 If you re-read the first paragraph of the story, you'll find the deal that Little Jackal and Lion made. Do you think this is a fair deal?
 - 🌸 Why do you think the jackal agrees to the deal?
 - 🌸 Was the jackal right to trick the lion? Why or why not?
 - 🌸 The story is called "Lion meets his match". Why do you think it's called this? Can you think of another good title for the story?
- ★ What do you think happens after the story ends? Is Lion ever able to catch Little Jackal? Write or tell the story that happens after this one ends.



Hair day

In this story, a young girl likes her hair the way it is, but her mother wants her to have it cut and styled. In the end, they each get what they want. This story is particularly suitable for children between the ages of 2 and 7. You can also use the story with older children by letting them read it in their mother-tongue first and then in the other language of the supplement.

- ★ If your children are learning to read, suggest that they try to read the words in the story with you when you read it for a second time.
- ★ There is a lot of detail in the pictures and this helps to tell the story. As you read, allow plenty of time for your children to look closely at the pictures. Encourage them to notice things that interest them or that they find funny. You can also ask questions about the pictures. Here are some examples.
 - 🌸 **Page 4:** Why do you think the girl is hiding under the bed?
 - 🌸 **Page 5:** Where do you think they are going? Do you think the girl wants to go there?
 - 🌸 **Pages 6 to 9:** Invite your children to find the different types of hair named in the words on these pages.
 - 🌸 **Pages 9 to 10:** Do you think the girl is enjoying being at the hairdresser?
 - 🌸 **Page 12:** Look at the girl's face. Do you think she likes her new hairstyle?
 - 🌸 **Page 15:** Do you think she likes her hairstyle now?
- ★ Use towels, brushes, combs and hair accessories that you have at home to play hairdresser-hairdresser with your children. Take turns being the hairdresser!



Hope's holiday

In this story, the Nal'ibali characters Hope and Afrika are chased by an angry warthog when they visit the water hole on the farm where Afrika lives.

- ★ Do warthogs always chase people? Do they have warts on them? Use information books or the Internet to find out more about these animals.
- ★ Give your children Plasticine or playdough to make the characters in the story, then invite them to use their characters to retell the story.
- ★ Encourage your children to write or tell their own holiday adventure stories – real or imaginary!



Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcebiso zokusebenzisa amabali akolu hlelo. Khetha lawo alungele ubudala nemidla yabantwana bakho.



Ingonyama idibene nentanga yayo

Abantwana abaminyaka mithathu ubudala ukunyuka bangalonwabela eli bali lemveli limalunga nodyakalasho omncinane owaqhatha ingonyama eyomeleleyo, hayi isihlandlo esinye nje kuphela, kodwa amathuba ngamathuba! Eli libali elimnandi nelinokufundwa ngokuvakalayo okanye libaliswe.

- ★ Emva kokuba nilifundile ibali, xoxani ngale mibuzo ninonke.
 - 🌸 Ukuba uyaphinda ufunda umhlathi wokuqala, uza kuyifumana imvumelwano ephakathi kukaDyakalasho oMncinane kunye neIngonyama. Ucinga ukuba le mvumelwano yayisanelisa macala?
 - 🌸 Ucinga ukuba kutheni wangenayo nje udyakalasho kwesi sivumelwano?
 - 🌸 Ingaba udyakalasho wenza into elungileyo ngokuyiqhatha ingonyama? Kutheni ucinga ukuba yayilungile okanye kutheni ucinga ukuba yayingalunganga?
 - 🌸 Isihloko sebali sithi, "Ingonyama idibene nentanga yayo". Ucinga ukuba kutheni ze linikwe esi sihloko? Khawucinge esinye isihloko esifanelekileyo seli bali?
- ★ Ucinga ukuba saba yintoni isiphelo seli ibali? Ingaba iIngonyama yade yakwazi ukubamba uDyakalasho oMncinane? Bhala okanye ubalise ibali elenzeka emva kokuba eli liphelile.

Yimini yeenwele

Kweli bali, intombazanyana encinane ithanda iinwele zayo ngobunjalo bazo, kodwa umama wayo ufuna izichebe zize zimile ngandlela ithile. Kodwa ekugqibeleni, ingulowo ufumana le nto ayifunayo. Eli bali lilungele kakhulu abantwana ababudala buminyaka ephakathi kwe-2 ne-7. Kodwa ungalisebenzisa eli bali nabantwana abadala ngokubavumela ukuba balifunde ngolwimi lwabo lweenkobe kuqala ze emva koko balifunde ngolunye ulwimi olu lohlelo.

- ★ Ukuba abantwana bakho basakufunda ukufunda, cebisa ukuba bazame ukufunda amagama ebali eli kunye nawe xa ulifunda okwesibini.
- ★ Kukho iinkcukacha ezininzi kakhulu emifanekisweni kwaye oko kuncedisa ekubalisweni kwebali. Lo gama ufundayo, banike ixesha elininzi abantwana bakho ukuze babukisise imifanekiso. Bakhuthaze ukuba baqaphele izinto abanomdla kuzo okanye izinto abacinga ukuba ziyahlekisa. Ungababuza imibuzo malunga nemifanekiso le. Nantsi eminye yemizekelo yale mibuzo.
 - 🌸 **Iphapha le-4:** Ucinga ukuba kutheni le ntombazana izimele phantsi kwebhedhi nje?
 - 🌸 **Iphapha le-5:** Ucinga ukuba bayaphi? Ucinga ukuba le ntombazana iyafuna ukuya kuloo ndawo yona?
 - 🌸 **Iphapha le-6 ukuya kwele-9:** Mema abantwana ukuba bafune iintlobo zeenwele ezinala magama akula maphepha.
 - 🌸 **Iphapha le-9 ukuya kwele-10:** Ucinga ukuba le ntombazana ikonwabele ukuba kwindawo yokwenza iinwele?
 - 🌸 **Iphapha le-12:** Jonga ubuso bale ntombazana. Ucinga ukuba uyayithanda indlela iinwele zakhe ezintsha ezimile ngayo?
 - 🌸 **Iphapha le-15:** Ucinga ukuba uyayithanda le ndlela ziyayo iinwele zakhe ngoku?
- ★ Sebenzisa zonke izinto onazo ekhaya ezifana neetawuli, iibrashi, iikama kunye nezinto zokubopha nezokuhombisa iinwele ukuze nidlale umdlalo wokuba ngumlungisi-zinwele kunye nabantwana bakho. Nikanani amathuba nisiba ngabalungisi-zinwele nabantu abeze kulungiswa iinwele!

Iholide kaHope

Kweli bali, abalinganiswa bakwaNal'ibali, uHope kunye no-Afrika baleqwa yinxagu enomsindo xa betyelele iqula elikwifama ahlala kuyo u-Afrika.

- ★ Ingaba iinxagu ngokommo wazo ziyabaleqa abantu? Ingaba zineentsumpa ngokwasesimweni sazo? Sebenzisa iincwadi ezinika ulwazi okanye i-intanethi ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe malunga nezi zilwanyana.
- ★ Nika abantwana bakho i-Plasticine okanye intlama yokudlala ukuze kwenziwe abalinganiswa abasebalini, ze ke emva koko ubamemelele ukuba basebenzise abo balinganiswa babo ukubalisa ibali kwakhona.
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba babhale okanye babalise amabali amahlandinyuka kwiiholide zabo – nokuba ayinyaniso okanye bawaqambile!

Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold each sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa iphepha phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.

Ngedlamsanqa iNkonyama yayisilwanyana esinomonde. "Sonke siyanxanwa sifune ukuseka," yasho imbombozela, yaza yenjenjeya ukuya emlanjeni ukuya kulinda uDyakalasho oMncinane.

Lucky Lion was a patient creature. "We all need to drink," he said grimly, and off he went down to the river to wait for Little Jackal.



Kodwa intambo awayihlisayo yayenzizwe ngeemfefe zempuku, yaze xa iNkonyama igwencele umganyana, yaphawuka. *Gqum!* Yawa phantsi iNkonyama. Inomindo, yanybedleza yemka, lo gama uDyakalasho oMncinane egqithelka intsini.

"Kulungile!" wakhwaza uDyakalasho oMncinane. "Nantso isihla!"

Inkonyama yaziva ididekile, kodwa yaphendula, "Ndize kubona wena. Hlisa intambo!"

"Ungubani igama lakho?" wakhwaza uDyakalasho oMncinane. "Ungunyana kabani? Uphuma phi? Uyaphi? Ufuna bani? Umfunela ntoni?"

"Wece Dyakalasho oMncinane!" yagquma iNkonyama. "Kufuneka sithethe!"

But the rope he let down was made of mouse skins, and when Lion had climbed only a little way up, it broke. *Thump!* Down fell Lion. Furtiously, he slunk away, while Little Jackal screamed with laughter.

"All right!" shouted Little Jackal. "Here it comes!"

Lion felt confused, but replied, "I've come to see you. Let down the rope!"

"What's your name?" shouted Little Jackal. "Whose son are you? Where are you from? Where are you going? Who do you want? Why do you want him?"

"Hey, Little Jackal!" roared Lion. "We need to talk!"

When Lion invites Little Jackal to go hunting with him, he doesn't realise what he's letting himself in for. Little Jackal is a very tricky character, who cunningly outwits Lion over and over again. Jackal cheats Lion out of meat, makes him fall from a rope too weak to hold him and tricks Lion into letting him go when Lion finally has him cornered. Poor Lion is very patient, and keeps on trying, but with hopeless results!

Lion meets his match is based on a traditional African story. It is retold here by Joanne Bloch.

Xa uNkonyama emema uDyakalasho oMncinane ukuba baye kuzingela kunye, wayengayazi ingxaki awayezifaka kuyo. UDyakalasho oMncinane wayesisilwanyana esinamaqhinga kakhulu, nesasisoloko siphumelela ekuqhatheni uNkonyama kumaxesha ngamaxesha. UDyakalasho wamqhatha enyameni uNkonyama, wamwisa esagwencela ngentambo eyayingomelelanga neyayingakwazi ukuthwala ubunzima bakhe waze wamqhatha ze waphuncuka xa kanye uNkonyama sele emxinanisele ekoneni. Usizana lweNkonyama lwalunomonde kakhulu, kwaye aluzange luyeke ukumana luzama, kodwa iziphumo zezo nzame zakhe zazingathembisi kwaphela!

Eli bali lisihloko sithi *Ingonyama idibene nentanga yayo* lisekelwe kwibali lemveli lase-Afrika. Apha libaliswa kwakhona nguJoanne Bloch.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

Lion meets his match

Ingonyama idibene nentanga yayo



Joanne Bloch
Alzette Prins



“Let’s hunt together!” said Lion to Little Jackal. “If we catch a small buck, you can have it – but if we catch a big one, it’s mine.”

“Fine!” said Little Jackal.

As it happened, the first animal they killed was a large eland. Lion was delighted. “I’ll carry on hunting,” he said. “You go and call my children to fetch this meat and take it to my home.”

“Masizingele sobabini!” yatsho iNgonyama kuDyakalasho oMncinane. “Ukuba sibambe inyamakazi encinane, ingaba yeyakho – kodwa ukuba sibambe enkulu, iza kuba yeyam.”

“Kulungile!” watsho uDyakalasho oMncinane.

Kwenzeka ke ukuba isilwanyana sokuqala abasibambayo ibe yimpofu enkulu. INgonyama yayichulumance kakhulu. “Ndiza kuqhubeka ndizingela,” yatsho. “Hamba uye kubiza abantwana bam baze kuthatha le nyama bagoduke nayo.”

“Ngonyama, Ngonyama,” wacenga ngelikhohlisayo uDyakalasho oMncinane, “lowo ayingomsila wam, yingcambu yomthi! Thatha ilitye uze uyibethe ngalo ngamandla, ubone ukuba kuza kuphuma igazi kusini na!”

Kodwa xa uDyakalasho onamaqhinga eika emlanjeni INgonyama yamsukela, kodwa uDyakalasho oMncinane wangena emgxunyeni ophantsi komthi. INgonyama yafaka unyawo lwayo olukhulu. Kodwa, yamphosa! Yafane yabamba umsila kaDyakalasho kuphela.

Some hours passed before Little Jackal cautiously peered out of the hole. He couldn’t see Lion, but guessed he might be nearby. To make sure, he shouted, “Ho, I see you, my master, although you are hiding!”

So Lion let go of the tail, and went to find a stone. Immediately, Little Jackal squeezed himself further into the hole, yanking his tail in after him. When Lion returned and saw it was gone, he hid behind a rock and waited.

“Lion, Lion,” wheedled Little Jackal, “that’s not my tail, it’s a root! Try bashing it with a stone, and see if any blood comes out!”

But when the tricky jackal finally arrived at the water’s edge, he saw Lion and immediately ran away. Lion rushed after him, but Little Jackal disappeared into a hole under a tree. Lion shot out his huge paw. Too late! All he caught was the jackal’s tail.

“Ncedani!” wakhala uDyakalasho oMncinane. “Eli lityekazi liyandiwela!”

“Ungowam ngoku!” yahleka iNgonyama, iguquka isithi hlasi ipali eza kuxhasa ngayo ilityekazi ukuze ikwazi ukubamba uDyakalasho oMncinane. Nakanye! Njengokuba iguquka, uDyakalasho oMncinane wathi lakatyu wemka, ehleka kamnandi, ekhwaza. Wayephinde wayenza isidenge kwakhona iNgonyama!



Ezam iinwele maziphakame, ezam iinwele mazivuze.
Tower hair, noodle hair.




Ezam iinwele mazibe ziintambo, ezam iinwele mazibotshwe okweesoseji!
Rope hair, sausage hair.



Hair day is from the SONGOLOLO list – a range of books celebrating both the common and diverse interests and experiences in childhood, featuring stories from Africa and beyond.

Shuter & Shooter Publishers acquired the award-winning children’s picture book imprint, SONGOLOLO in 2008. SONGOLOLO is a quality list, featuring books by some of South Africa’s foremost authors and illustrators, including Niki Daly, Gcina Mhlophe, Joan Rankin and Jude Daly. The list features several bestsellers, including Niki Daly’s *Mama, Papa and Baby Joe*, and Joan Rankin’s *Wow! It’s great being a duck* and other numerous award-winning titles.

For further information, visit www.shuters.com



Hair day Yimini yeenwele

*Dawn Garisch
Trish de Villiers*

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi




UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Kukho iinwele ezolulekileyo, kukho iinwele eziphotheneyo.

Straight hair, curly hair.



My hair.

Ziinwele zam.



Mad hair.

Ezi nwele zivukuvuku.



Makomiswe iinwele.

Dry hair.



Makuphungulwe iinwele.

Cut hair.



Makukanywe iinwele.

Comb hair.



Makuhlanjwe iinwele.

Wash hair.



Happy, happy, happy hair!

Ndonwabile, nawe wonwabile, iinwele nazo zonwabile!





Braid hair: Bead hair: Fiddle, fiddle, fiddle!
 Mazolukwe iinwele: Makufakwe amaso okuhombisa
 iinwele. Phathi, phathi-phathi ezinweleni!



Brown hair, orange hair:
 Kukho iinwele ezibrawuni, kukho
 iinwele ezi-orenji!

My hair!

Ziinwele zam!




Hair cut!

Mazichetywe ezi nwele!



YIMINI YEENWELEI!
HAIR DAY!



Come here! Yiza apha wena!

My hair!
Ziinwele zam ezi!

ZIINWELE ZAM?
MY HAIR?




Princess hair!
Ziinwele
zeNkosazana!

Shake hair.
Shukumisa ezo nwele.

Shake hair.
Shukumisa ezo nwele.



Shake, shake, shake!
Shukumisa, Shukumisa, Shukumisa ezo nwele!



Ngoke ke iNkonyama yawuyeka umsila, yaza yabamba ifuna ilitye. Kwango uDyakalasho oMncinane wazicutha ukuba angene ngokuphileleyo emngxunyeni, emuxhuzula ewutsala umsila wakhe ukuba nawo ulandele. Xa iNkonyama ibuya yabona ukuba ingcamdu ayisekho, yaza yazimela emva kwehlayekazi yalinda.

Kwadlula iyure eziliqela phambi kokuba uDyakalasho oMncinane akrode emngxunyeni ngobulumko. Wayengayiboni iNkonyama, kodwa waqashela ukuba isenokuba kufutshane. Ukuqinisekisa, wakhwaza, “Haa, ndiyakubona, nkosi yam, nangona uzimle!”

But Little Jackal made one mistake – he sat next to the fire. He grew too comfortable there and dozed off. Soon his false horns grew softer and softer. Finally they melted and dripped into a waxy puddle on the ground.

“Look!” shouted Wildebeest suddenly. “It’s Little Jackal!”

“Catch him!” roared Lion, but the noise woke Little Jackal and he quickly hid under an overhanging rock.

“Help!” Little Jackal screamed. “This rock is falling on me!”

“He’s mine now!” laughed Lion, turning to grab a pole to prop up the rock so he could catch Little Jackal. Oh dear! As he turned, Little Jackal darted off, chortling loudly. He had fooled Lion once again!

Kodwa uDyakalasho oMncinane wenza impazamo yanye – wahlala ngasemliweni. Wahlala kamnandi apho waza wozela. Kwakamsinyane iimpondo zakhe zobuxoki zaye zithamba ngokuthamba. Ekugqibeleni zanyibilika zaze zathontsiza zenza idanyana lobusi emhlabeni.

“Jonga!” yakhwaza inqu ngephanyazo. “NguDyakalasho oMncinane!”

“Mbambeni!” yagquma iNkonyama, kodwa loo ngxolo yamothusa uDyakalasho oMncinane waza wabaleka kwakamsinyane wazimela phantsi kweliwa.

Lion caught nothing else. A few hours later, he arrived home, tired and hungry. “Where’s the meat?” he asked Lioness, licking his chops.

“What meat?” she replied coldly.

Lion was furious. “Didn’t Little Jackal tell the children to fetch some meat?” he growled.

“No,” said Lioness, “he certainly didn’t! We’re still hungry!”

Angrily, Lion stormed off to Little Jackal’s house, but the jackals lived on top of a high rock, and the only way to get up there was by rope.

iNkonyama zange iphinde ibambe simbi isilwanyana. Emva kweyure ezimbalewa, yafika ekhayeni layo, idimwe kwaye ilambile. “Iphi inyama?” yabuza kwiMazi yeNkonyama, ikhotha iimbambo zayo.

“Eyihi inyama?” yaphendula iMazi yeNkonyama ngelipholileyo.


iNkonyama yawutha ngumsindo. “Khangela uDyakalasho oMncinane abaxelele abantwana ukuba balande inyama?” yagragrarama.

“Hayi!” yasho iMazi yeNkonyama, “uyabona nje nawe khange atsho! Kuba naku sisalambile!”

Inomsindo, yabamba ngokungxama ukuya endlwini kaDyakalasho oMncinane, kodwa oodyakalasho babehlala phezu kweliwa elikhulu, kwaye indlela yokuya kufikelela khona yayikukugwencelela ngenambo kuphela.

“Fine!” said Little Jackal again, but as soon as Lion left, he went and called his own children instead. “Lion thinks I’m a fool!” laughed Little Jackal. “Why should I feed his children while my own are starving?”

“Kulungile!” watsho uDyakalasho oMncinane kwakhona, kodwa wathi nje ukuba ihamba iNgonyama, wahamba waya kubiza abakhe abantwana endaweni yabantwana beNgonyama. “Ngonyama icinga ukuba ndisisidenge!” wahleka uDyakalasho oMncinane. “Kutheni kufuneka ndondle abantwana bakhe lo gama abam besifa yindlala?”



Ngonyama zange ithethe. Yamica umzimba wayo, ilungele ukumtsibela. Kodwa uDyakalasho oMncinane waphuma emngxunyeni ngokombane kangangokuba iNgonyama yasala ngasemva isalindle. UDyakalasho onkone ngamaqhinga wayesindle kwakhona!

Kwathatha iveki, kodwa iNgonyama yayinomonde kakhulu, ikwazi ukulinda. Ngenye imini, yakwazi ukumxinaniseka uDyakalasho oMncinane phakathi kwamatyekazi amabini. Yayisele ilungele ukumtsibela, xa kanye uDyakalasho oMncinane esebenza esithi, “Yidi tu! Akuyiboni na laa mabala iphay? Ndiyavuya uze kundinceda! Hlala apha lo gama mna ndijikela emva kwela lityekazi ukuze ndiyiqhubele ukuba isondle kuwe.”



Lion said nothing. He tensed his body, ready to pounce. But Little Jackal whooshed out of the hole so suddenly that Lion was left behind. The cunning jackal had escaped once again!

It took weeks, but Lion was good at waiting. One day, he managed to corner Little Jackal between two rocks. He was about to spring, when Little Jackal whispered, “Quiet! Can’t you see that bushbuck over there? I’m glad you’ve come to help me! Just stay here while I run round the rock and dive him towards you.”

Poor Lion! He froze – and Little Jackal ran away again.

Another week went by. Little Jackal knew that Lion was to meet with all the animals with horns. “I think I’ll go to that meeting!” said Little Jackal. “I feel like some fun!”

So Little Jackal stole some wax from a beehive, and made himself a beautiful pair of horns. “What a good disguise!” he smirked when he arrived at the meeting. “Nobody knows it’s me!”



Usizana lweNgonyama! Lwema bhuxe – waze uDyakalasho oMncinane wabaleka wemka kwakhona.

Kwadlula enye iveki. UDyakalasho oMncinane wayesazi ukuba iNgonyama iza kudibana nazo zonke izilwanyana ezineempondo. “Ndinga ukuba ndiza kuya kulaa ntlanganiso!” watsho uDyakalasho oMncinane. “Ndiziva ndifuna ukuzonwabisa!”

Uthe ke uDyakalasho oMncinane weba icangci kwindlu yeenyosi, waza wazenzela iimpondo ezimbini ezintle kakhulu. “Ndikwazile kakuhle ukuzifihla nokugbuka umkhondo!” wasineka xa efika entlanganisweni. “Akukho namnye oyaziyo ukuba ndim!”

Nal'ibali fun



Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



Can you find six differences between these two pictures?

Ungazifumana izinto ezintandathu eyahluke ngazo le mifanekiso mibini?



TIP:
Cross out the letters as you use them!

In the box on the right are all the letters you need to write the names of five of the Nal'ibali characters. Can you work out which characters they are?

1. _____
2. _____
3. _____
4. _____
5. _____

Ebhokisini engasekunene kukho bonke oonobumba obafunayo ukuze ubhale amagama abalinganiswa abahlanu bakwaNal'ibali. Ungakwazi ukufumanisa ukuba ngabaphi abo balinganiswa?

1. _____
2. _____
3. _____
4. _____
5. _____

INGCEBISO:
Hlaba oonobumba ogqiba ukubasebenzisa!

Answers/Impendulo: Noodle, Neo, Hope, Bella, Mballi

O
O
O
O
P
N
N
M
D
L
L
L
L
I
E
E
E
E
B
B
A
A
H

Enjoy reading these jokes and riddles!

- ★ How do porcupines kiss? Very carefully.
- ★ Why do bees hum? Because they don't know the words.
- ★ What present do you give an elephant? Lots of space to move around!
- ★ What gets wetter as it dries? A towel.
- ★ What has to be broken before you can use it? An egg.
- ★ Why can't a man living in Gauteng be buried in Limpopo? Because he's still living!
- ★ What's red and smells like blue paint? Red paint.

Yonwabela ukufunda ezi zihlekiso namaqashiso!

- ★ Ziphuzana njani iincanda? Ngononophelo olukhulu kakhulu.
- ★ Kutheni iinyosi zihumzela? Kuba azikwazi ukuphimisela amazwi.
- ★ Ungayinika isipho esinjani indlovu? Indawo enkulu emayihambe kuyo!
- ★ Yintoni eba manzi xa isoma? Yitawuli.
- ★ Yintoni ekufuneka yonakaliswe phambi kokuba isetyenziswe? Liqanda.
- ★ Kutheni indoda ephilela eGauteng ingenakungcwatywa eLimpopo nje? Kuba isaphila!
- ★ Yintoni ebomvu enuka njengepeyinti ezuba? Yipeyinti ebomvu.

You can find more Nal'ibali Fun on page 16!

Uyakufumana okokuzonwabisa okuninzi kwakwaNal'ibali kwiphepha le-16!

NAL'IBALI ON RADIO!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:
Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.
SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.




UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:
Ku-Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.
Kwi-SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.



Hope's holiday

By Wendy Hartmann ★ Illustrations by Rico



"Yay, it's holiday!" sang Hope. Her mother laughed and stopped the car on Mme wa Afrika's farm.

"We're here!" shouted Josh as he saw Afrika and his mother.

"Now that you are here, what are you planning to do?" asked Mme wa Afrika once everyone had unpacked their bags.

"Today we're going to feed the farm animals and collect eggs for you, Mme wa Afrika," said Hope. "Tomorrow we're all going to fly kites and on the last day, Josh would like to learn to bake bread in the outside oven.

"And I want to show Hope the water hole," said Afrika.

Mme wa Afrika and Hope's mother laughed.

Their first two days were busy and full of fun. On the third day Hope went to the water hole with Afrika, even though she really wanted to bake bread with Josh.

"We'll be back at lunchtime," said Hope as she and Afrika waved goodbye to everyone.

On their way they saw two hawks, some birds' nests and a tiny mouse. Hope took photographs of them with her cellphone.

"The water hole is over there," said Afrika pointing. "Let's be really quiet and hide behind this bush."

Afrika and Hope watched the birds drinking and bathing in the water. There was even a tiny buck drinking at the water's edge.

Then suddenly Hope went cold all over. Something was moving in the bush behind her.

"Afrika!" she whispered.

"Why are you whispering like that?" asked Afrika, still looking at the water hole.

"There's something behind us and it's getting closer," Hope whispered urgently.


"Don't be silly! There's nothing dangerous around here," said Afrika.

But then he turned around to look. "Oh no!" he shouted. "RUN! RUN!"

They ran between thorn trees and across the rocks. Afrika scrambled up a high tree and Hope followed. They could hear something following them.

"What is that?" Hope asked shaking and looking down from the safety of the tree.

"It's a warthog. And it's in a bad mood!" said Afrika.



"Is it dangerous?" asked Hope.

"Look at its tusks. When it's angry it's very dangerous!" said Afrika.

The warthog stared up at them. Its tusks were big and curved. It sniffed the air and circled the tree grunting. Then it turned and went down on its knees.

"Nooo," sighed Afrika.

"What? What?" asked Hope.

"Now it's looking for food. All we can do is wait and hope that it goes off soon," said Afrika.

The children watched the warthog as it dug in the ground. After quite some time it disappeared into the bush.

"It feels like we've been up here for hours. Are you sure it's gone?" asked Hope.

"I'm sure. Come on," said Afrika as he climbed down, looked around and groaned.

"What's wrong? Is it coming back?" Hope asked nervously.

"No," said Afrika. "Worse than that."

"What could be worse than being chased by an angry warthog?" asked Hope.

"We're lost," said Afrika. "I didn't look where we were running to ... and ... well you'd better phone my mother."

Hope dug in her pocket for her cellphone. "It's gone," she said. "It must have fallen out while we were running. Now what? It's getting late. Oh, I wish I had stayed and baked bread with Josh!"

Afrika took a deep breath. "We'll have to look for our footprints. When we find them, we can follow them back to the water hole." Then he looked around. "Oh no! The ground we ran across is hard and so there won't be any footprints!" he said.

"We'll just walk in a circle until we find something," said Hope and she started to walk. "Here!" she shouted. "Here's something"

Afrika looked at the prints. "No," he said, "those are not our footprints. Keep walking."

"But Afrika, they can help. I think those are buck prints. Don't you remember? We saw a small buck at the water hole."



"Oh, yes!" said Afrika. "We can follow them back to the water hole. We'd better hurry because I'm sure everyone at home is getting worried about us."

What they didn't expect to find at the water hole was Mme wa Afrika and Hope's mother!

"You're a bit late," said Mme wa Afrika getting out of the car. "We were worried. In you get, let's go."

"I hope you two have a good story," said Hope's mother, starting the car. "You've got a lot of explaining to do."

Hope and Afrika looked at each other.

"By the way," said Mme wa Afrika, "I just saw an angry warthog. Luckily you didn't bump into it. That could have been really dangerous!" Then after a bit she said, "Oh, Hope, look what I found lying near a bush at the water hole." She handed Hope her cellphone. "It's a pity it wasn't in your pocket, you could have phoned to let us know you were going to be late."

Hope looked at Afrika again and they both burst out laughing.

"Mmm," said Mme wa Afrika. "It looks like you have a good holiday story to tell, Hope."



“Hurreee, ixesha leeholide liqalile!” ucele watsho uHope. Umama wakhe wahleka waza wayimisa imoto yakhe kwifama kaMme wa Afrika.

“Sifikile!” kukhwaze uJosh akubona u-Afrika kunye nomama wakhe.

“Njengokuba nifikile nje nonke ngoku, niceba ukwenza ntoni?” wabuza uMme wa Afrika xa wonke ubani sele ezipakishile iimpahla zakhe kwasongwa nezo bhegi.

“Namhlanje siza kupha ukutya izilwanyana zasefama ze sikuqokelelele namaqanda akho, Mme wa Afrika,” watsho uHope. “Ngomso, sonke siza kubhabhisa ikayiti zethu ze ngosuku lokugqibela, uJosh afunde ukubhaka isonka kwi-onti engaphandle ukuba ikho indlela.”

“Mna ke ndifuna ukubonisa uHope iqula,” kutsho u-Afrika.

UMme wa Afrika kunye nomama kaHope bahleka esi sicwangciso.

Iintsuku zabo ezimbini zokuqala zazixakeke kakhulu, zizele lulonwabo. Ngosuku lwesithathu uHope waya equleni kunye no-Afrika, nangona nje yena wayekufuna ngokwenene ukubhaka isonka kunye noJosh.

“Siza kubuya ngexesha lesidlo sasemini,” kwatsho uHope lo gama yena no-Afrika bewangawangisa, besithi bonke ze basale kakuhle.

Endleleni apho babona ukhozi luhamba nolunye, iindlwane zeentaka kunye nempuku encinane. UHope wazifota zonke ezi zinto ngeselula yakhe.

“Liphaya ke iqula,” watsho u-Afrika esolatha ngomnwe. “Masingangxoli, kufuneka sizimele emva kweliyaa tyholo.”

U-Afrika noHope babukela iintaka xa zisela, ziqubha emanzini. Kwakukho nenyamakazana encinane esela amanzi kunxwema olo.

Ngephanyazo uHope wagcangcazela umzimba wonke, ngathi ungenwe yingqele. Kwakukho into erhwashazayo kwityholo elisemva kwakhe.

“Afrika!” wasebeza watsho.

“Kutheni usebeza kangaka nje?” kubuza u-Afrika, esajonge equleni.

“Kukho into elapha emva kwethu kwaye iyasondela,” waqhubeka nokusebeza, exhalabile efuna ukuhoywa uHope.


“Hayi wethu musa ukugeza apha! Akukho nto inabungozi apha,” watsho u-Afrika.

Kodwa waguquka kancinane, wajonga. “Owu nkosi yam!” ukhwaze watsho ngomothuko. “BALEKA! BALEKA!”

Babaleka phakathi kwaloo mithi yomnga, betsiba amatye amakhulu. U-Afrika wagwencela emthini waza noHope walandela. Babesiva ukuba ikho le nto ibalandelayo.

“Yintoni leyaa?” uHope wabuza engcangcazela, ejonge ezantsi kodwa eziva ebukhuseleka kuba ephezulu emthini.

“Yinxagu. Kwaye ixwaye inkathazo!” kwatsho u-Afrika.



“Ingaba inobungozi?” wabuza uHope.

“Jonga amabamba ayo. Xa inomsindo inobungozi kakhulu!” watsho u-Afrika.

Inxagu yaqwanya, ibajamela bephezulu benjalo. Amabamba ayo ayemakhulu kangankokuba ayede agoba. Yafutha, ijoja umkhondo emoyeni, yaza yajikeleza umthi ikrokra. Yaguquka yaza yaguqa.

“Hayiniii,” watsho ngesingqala u-Afrika.

“Yintoni? Yintoni?” kwabuza uHope.

“Ngoku ikhangela ukutya. Konke esinokukwenza kukulinda, sithembe ukuba iza kuhamba kwakamsinyane,” watsho u-Afrika.

Abantwana bayibukela inxagu njengokuba isomba emhlabeni. Emva kwexesha elidana yanyamalala apho phakathi kwemithi.

“Kuvakala ngathi kuqengqeleke iyure ezininzi siphezu kwalo mthi. Uqinisekile ukuba imkile?” wabuza uHope.

“Ndiqinisekile. Yiza,” watsho u-Afrika esehla emthini, wajonga-jonga, ejikeleza waza wancwina.

“Yintoni eyonakeleyo? Ingaba iyabuya?” wabuza uHope ephakuphaku.

“Hayi,” watsho u-Afrika. “Le ingaphaya kwale uyithethayo.”

“Yintoni enokodlula ukusukelwa yinxagu enomsindo?” kwabuza uHope.

“Silahlekile,” watsho u-Afrika. “Khangela ndijonge ukuba sibaleke, sisiya ngaphi ... kwaye ... mhlawumbi kungcono utsalele umama wam umnxeba.”

UHope wasifaka satshona nzulu isandla epokothweni yakhe, ekhangela iselula yakhe. “Ilahlekile,” watsho. “Inokuba iwe ngokuya besibaleka. Ngoku siza kuthini? Limkile ixesha. Owu, akwaba bendisele ngasemva ndabhaka isonka noJosh!”

U-Afrika watsala umphefumlo omde ngesingqala. “Kuza kufuneka sikhangele iinyawo zethu. Ukuzifumana kwethu, siza kulandela zona, sibuyele equleni.” Watsho sele ebheka-bheka. “Owu hayi ke ngoku! Umhlaba ebesebaleka kuwo ulukhuni ngoko ke akusayi kubakho zimpawu zanyawo zibonakalayo!” utshilo.

“Kuza kufuneka sijikeleze side sifumane into,” watsho uHope waza waqalisa ukuhamba. “Nantso!” wakhwaza. Kukho into ebonakalayo apha.”

U-Afrika wajonga ezo nyawo. “Hayi,” watsho, ezo ayizizo iinyawo zethu. Qhubeka uhambe.”

“Kodwa Afrika, zinganceda ezi mpawu. Ndingca ukuba ziinyawo zenyamakazi. Awusakhumbuli? Besibone inyamakazi encinane phaya equleni.”



“Owu, ewe!” watsho u-Afrika. Singazilandela, sibuyele equleni. Kungcono sikhawuleze kuba ndiqinisekile wonke umntu ekhaya unexhala.”

Babengazange bakulindela ukufumana uMme wa Afrika nomama kaHope equleni apho!

“Selilide kakhulu noko eli thuba ningekho,” utshilo uMme wa Afrika ephuma emotweni. “Besinexhala. Ngenani, sihambe.”

“Ndinethemba lokuba ibali lenu nobabini liza kuba mnandi kakhulu,” watsho umama kaHope, ehambisa imoto kancinane. “Kuninzi kakhulu ekufuneka nikucacise.”

UHope no-Afrika bajongana.

“Gxebe,” watsho uMme wa Afrika, “Ndisandul’ ukubona inxagu enomsindo. Ninethamsanqa ningakhange nidibane nayo. Oko bekuya kuba yingozi ngokwenene!” Emva kwethutyana waqhuba wathi, “Owu, Hope, qashi-qashi ndifumene ntoni ile ecaleni kwetyholo equleni.” Wamnika uHope iselula yakhe. “Ndiluzizi kuba ibingekho epokothweni yakho, kuba ngowusitsalele umnxeba, wasixelela ukuba niza kubuya kade.”

UHope wajonga ku-Afrika kwakhona baza baphela yintsini.

“Mmm,” watsho uMme wa Afrika. “Kukhangeleka ngathi uza kubalisa ibali elimnandi kakhulu leeholide, Hope.”

Nal'ibali fun

Can you find these holiday words in the wordsearch block below?

- | | | |
|-----------|----------|---------|
| celebrate | fun | read |
| enjoy | happy | relax |
| family | holidays | share |
| friends | play | stories |



a	r	p	r	e	l	f	r	r	i	p
c	e	l	e	b	r	a	t	e	c	e
f	a	a	c	h	s	m	e	l	l	b
r	d	y	h	o	l	i	d	a	y	s
i	f	u	n	d	g	l	s	x	h	j
e	n	j	o	y	i	y	h	k	a	l
n	m	p	r	u	q	w	a	t	p	l
d	x	u	y	s	z	t	r	v	p	p
s	t	o	r	i	e	s	e	a	y	u

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Ungawafumana la magama anxulumene neeholide kwibloko yokukhangela amagama engezantsi?

- | | | |
|----------|----------|----------|
| bhiyoza | ulonwabo | funda |
| vuya | uyolo | phumla |
| usapho | iiholide | yabelana |
| abahlobo | dlala | amabali |



a	u	y	o	l	o	y	l	o	p	i
b	h	i	y	o	z	a	a	y	u	v
a	a	p	o	i	a	b	d	s	u	i
h	b	h	n	l	u	e	u	i	s	i
l	a	u	w	a	d	l	a	l	a	h
o	w	m	a	b	y	a	d	q	p	o
b	n	l	b	a	h	n	n	w	h	l
o	o	a	a	m	n	a	u	e	o	i
j	k	h	l	a	m	a	f	r	t	d
k	u	l	o	n	w	a	b	o	y	e

What story do you think Gogo could be reading to Neo and Mbali in the picture below? What do you think the children are imagining as Gogo reads to them? What is Noodle thinking about? Draw pictures and/or write words in the thought bubbles and speech bubble to show these things.

Leliphi ibali ocinga ukuba uGogo ulifundela uNeo noMbali kumfanekiso ongezantsi? Ucinga ukuba abantwana banomfanekiso-ntekelelo wantoni njengokuba befundelwa nguGogo? Ucinga ntoni uNoodle? Zoba imifanekiso kwaye/okanye ubhale amagama kumaqampu eengcinga nawentetho ukubonisa ezi zinto.

Stories take you places! Amabali akusa kwiindawo ngeendawo!



Happy holidays from Nal'ibali! KwaNal'ibali siningwenelela Iiholide ezimyoli!

We are taking a break for the school holidays and will be back in the week of 31 January 2016! Enjoy your holiday and join us next year for more story fun!



Can't wait until next year for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi or find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA.

Ingaba utsha ziintambo, awukwazi kulinda de kube ngunyaka ozayo ukuze ufumane iingcebiso ezininzi ngokufunda namabali, izixhobo kunye neengcinga ezivuselelayo? Ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi okanye usikhangele ku-Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA.

Siza kukhe sithathe ikhefu lexesha leeholide zesikolo, size sibuye kwakhona kwiveki yomhla wama-31 kweyoMqungu wama-2016. Yonwabela iiholide zakho uze usijoyine kwakhona kunyaka ozayo ukuze wonwabe ngakumbi ngamabali kunye nathi!

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.